CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

# IMIGAQO YOKUSEBENZA KWEEKOMITI ZEWADI KUMMANDLA WENQILA YESIXEKO SASEKAPA

**WAPHUNYEZWA LIBHUNGA NGOMHLA WAMA-**
**27 JANUARY 2022**
**C23/01/22**

# IMIGAQO YOKUSEBENZA KWEEKOMITI  ZEWADI KUMMANDLA WENQILA YESIXEKO SASEKAPA

YAPHUNYEZWA LIBHUNGA NGOMHLA WAMA-
27 JANUARY 2022
C 23/01/22

**IINKCAZELO**

Kule migaqo, ngaphandle kokuba umxholo ubonisa ngolunye uhlobo, la magama namabinzana alandelayo aya kuba neentsingiselo ezabelwe wona apha ngezantsi:

UHlahlo-lwabiwo-mali: kuthethwa uhlahlo-lwabiwo-mali lonyaka oluphunyezwe liBhunga.

USihlalo: kuthethwa uceba wewadi okanye umntu owonyulwe njengoSihlalo kwintlanganiso engekho yena.

UMphathi weSixeko: kuthethwa intloko yolawulo negosa elithatha uxanduva elonyulwe liBhunga ngokwemigaqo yecandelo lama-82 loMthetho olawula iZikhundla zikamasipala.

ULuntu: kuthethwa abahlali bewadi okanye lo mibutho ineemfuno kwiwadi. IBhunga: kuthethwa uMasipala weNqila yesiXeko saseKapa.

IKomiti: kuthethwa ikomiti yewadi.

IDP: kuthethwa iSicwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso esaphunyezwa liBhunga.

ILungu: kuthethwa ilungu lekomiti yewadi.

INkqubo yoLawulo lweNdlela yokusebenza: kuthethwa inkqubo eyaphunyezwa neyamkelwa liBhunga, nekwaziyo ukulinganisa indlela esebenza ngayo.

UCeba ngokwenani labavoti(PR): kuthethwa umntu owonyulwe liqela lezopolitiko kuluhlu lwabagqatswa abamele elo qela.

USomlomo: kuthethwa uSomlomo weSixeko saseKapa.

UMthetho olawula iZikhundla zikamasipala: kuthethwa uMthetho olawula iZikhundla zikaMasipala kubuRhulumente beNgingqi, 117 ka-1998.

IBhungana: kuthethwa iBhungana leSixeko saseKapa elasekwa ngokwemigaqo yecandelo lama-61 loMthetho olawula iZikhundla zikaMasipala: kubuRhulumente beNgingqi kunye noMthetho kaMasipala ojongene namaBhungana weSixeko saseKapa ka-2003.

UCeba weWadi: kuthethwa umntu owonyulelwe ukumela iwadi

## 1. INTLANGANISO YOKUQALA

1.1 Intlanganiso yokuqala yeekomiti zewadi iya kuqhutywa kwindawo, ngomhla nangexesha eliya kumiselwa nguMphathi weSixeko, noya kukhupha isaziso kumaphepha-ndaba malunga nendawo, umhla nexesha.

1.2 UMphathi weSixeko uya kuthi axele imibandela ekumele ukuba ibandakanywe kwi-ajenda yentlanganiso yokuqala.

## 2. INDIMA NOMSEBENZI WEEKOMITI ZEWADI/AMALUNGU EKOMITI YEWADI

2.1 Ikomiti yewadi / ilungu lekomiti yewadi livumelekile ukwenza izindululo ngawo nawuphi umcimbi ochaphazela iwadi, ekwenza oko ngokuthi abhale ingxelo okanye angenise isiphakamiso:

- kuceba wewadi, okanye
- lidlula kuceba wewadi kuphela lijolise kwiBhungana, iBhunga okanye kuSodolophu weSigqeba ofanelekileyo,

2.2 Ikomiti yewadi / ilungu lekomiti yewadi inale misebenzi ilandelayo:

2.2.1 Ukusebenza njengekomiti enika iingcebiso kuceba wewadi,

2.2.2 Ukusebenza njengomthombo apho imibutho yeBhunga inokubonisana khona yaye igaye izimvo zoluntu ngawo nawuphi umcimbi ababona uyimfuneko ukuba kuboniswane ngawo,

2.2.3 Ukuvakalisa izimvo ngawo nawuphi umcimbi ochaphazela iwadi,

2.2.4 Ukuncedisa iBhungana ekuqondeni nasekuchongeni iimfuno zoluntu,

2.2.5 Ukuncedisa iBhunga ekuqulunqeni iziphakamiso zohlahlo-lwabiwo-mali ezilungele iwadi,

2.2.6 Ukubek'iliso nokunika ingxelo ngonikezelo lweenkonzo kwiwadi,

2.2.7 Ukusebenza njengejelo elicwangcisiweyo lonxibelelwano phakathi kweBhungana noluntu,

2.2.8 Ukuncedisa iBhunga ekuqhubeni umsebenzi eliwugunyaziselwe wothatho-nxaxheba loluntu kwezi nkalo zilandelayo:

- KwiSicwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso-IDP
- KwiMithetho kaMasipala
- KuHlahlo-lwabiwo-mali
- Ekuqulunqweni koMgaqo-nkqubo
- KwiNkqubo yoLawulo lweNdlela yokuSebenza

2.2.9 Ukusasaza ulwazi oluphathelene nemicimbi kamasipala ekuhlaleni,

2.2.10 Ukuncedisa iBhungana ekuphuhliseni ubuchule ekuhlaleni,

2.2.11 Ukukhuthaza nokunika amathuba uluntu ukuze lubandakanyeke ngokubonakalayo kwimicimbi yolawulo lweBhunga enxulumene newadi,

2.2.12 Ukukhuthaza nokunika amathuba obuhlakani bophuhliso noluvo lolawulo ngokubambisana phakathi kweBhunga noluntu.

**3. AMATYELI OKUCHOTSHELWA KWEENTLANGANISO**

3.1 Ikomiti yewadi mayihlalele ubuncinane iintlanganiso ezi-6 ngonyaka.

Akusayi kuhlalelwa zintlanganiso ngexesha lekhefu lebhunga.

3.2 Iintlanganiso maziqhutywe nguceba wewadi ngaphandle kokuba ubuncinane umyinge wama-50% amalungu angenise isicelo esibhaliweyo kuceba wewadi sokuba intlanganiso mayiqhutywe.

3.3 Kwimeko apho iintlanganiso zinenani elingaphelelanga lokubanjwa kwentlaniso, usihlalo angaqhubeka nentlanganiso namalungu akhoyo aze abhalise intlanganiso leyo njengengekho sesikweni. Izindululo ezamkelwe kwintlanganiso engekho sesikweni kufuneka zidluliselwe kwintlanganiso ephinde yabekwa yekomiti yewadi ukuze zamkelwe.

**4. UMGAQO QOKUZIPHATHA**

Amalungu axhomekeke kuMgaqo wokuZiphatha wamaLungu eeKomiti zeeWadi (C19A/10/16).

**5. UTHATHO-XANDUVA**

5.1 Amalungu anoxanduva lokuphendula:

- kwiBhunga, nakuwo onke amaqumrhu alo;
- Kumacandelo afanelekileyo elo lungu limele wona

5.2 Xa liphungula umthwalo walo wothatho-xanduva, ilungu kufuneka lidibane namacandelo ukuze lenze ingxelo emalunga nezindululo zekomiti yewadi

5.3 Ilungu kufuneka lingenise ingxelo ebhaliweyo kwikomiti yewadi rhoqo ngekota engezindululo enika ingcaciso ecacileyo malunga nemibandela ekhankanywe ku-5.2 apha ngentla.

**6. UMVUZO**

6.1 Akukho mvuzo umele ukuhlawulwa amalungu.

6.2 Amalungu anelungelo lokufumana intlawulo yexabiso njengoko imiselwe liBhunga ngalo lonke ixesha ukuba lihlawulele inkcitho-mali eyenziweyo xa kusetyenzwa imisebenzi ye-ofisi. Intlawulo iya kwenziwa ngohlobo lokunikezelwa kwemali ngekhompyutha (EFT) kwi-akhawunti yebhanka esegameni lelungu elo lekomiti yewadi kuphela.

## 7. INANI ELIVUNYELWEYO UKUBA LISINGATHE IINTLANGANISO LITHATHE NEZIGQIBO

7.1 Uceba wewadi ungusihlalo wentlanganiso yaye nguye owongamela lo ntlanganiso.

7.2 Xa kunokwenzeka usihlalo angabikho kwintlanganiso, amalungu aya konyula usihlalo phakathi kwamalungu eliza kusebenza njengosihlalo kulo ntlanganiso.

7.3 Isininzi somyinge wama-51% wamalungu siya kwenza inani elivunyelweyo lokusingatha intlanganiso. Inani elivunyiweyo lokusingatha intlanganiso kufuneka lijongwe ngokwenani elipheleleyo labameli abatyunjiweyo bekomiti yewadi.

7.4 Ikomiti yewadi iya kuzama ukufikelela kwizigqibo ngenkqubo yemvumelwano .

7.5 Xa le nkqubo ingaphumeleli, izigqibo mazithathwe kusetyenziswa ivoti.

7.6 Usihlalo kufuneka amemelele uvoto kwimeko yokungabikho kobulungisa kwiivoti.

7.7 UCeba owonyulwe ngokwenani leevoti, owabiwe njengelungu elikwisikhundla esiphezulu, unakho ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo zekomiti yewadi ngaphandle kwelungelo lokuvota.

7.8 IMigaqo yoLawulo esebenza kwindlela yokuqhutywa kweentlanganiso zamaBhungana iyakusebenza nakwiintlanganiso zeekomiti zewadi ngeenguqu ezifanelekileyo.

## 8. AMALUNGISELELO OLAWULO

IBhunga linakho, lisebenzisa amaBhungana, ukwenza kufumaneke imithombo enokuba yimfuneko ukuze kubonelelwe ngenkxaso yolawulo efanelekileyo ekusebenzeni ngokukuko kweekomiti zewadi.